IMVO ZABANTSUNDU.

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI

(NATIVE OPINION)

LIHLAULELWA
3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, JUNE 10, 1885.

[No. 32.

Iveki.

U REV. CHARLES PAMLA, ugaleleke kulo. mzi ago Mgqibelo odlulileyo ukuza katabata indawo yake yokongamela iramente entsu- ndu yase Wesile ekwesi sitili nase Monti.

KE kwatiwa isikumbnzo sika General Gordon siyakuba yindlu yokongela abafayo e Port Said. Oko kuyekiwe sekucingwa si- kumbuzo simbi ngoku.

IMALI ubutelwe u Rulumeni kwindawo nge. ndawo azipatayo ngenyanga ezilishumi ezipe- le ngo April ifikelele kwi £2,808,214, 7s. 7d. Igqite kweyanyakenye nge £345,959, 13s. 2d.

U GENERAL WARREN ubuyele e Mafikeng. Inkosi ezintsundu zelipezulu zizinikele kwi Nkosazana ngezandla zake.

NJENGOKUBA ilungiselela ukupumanje imikosi kwela Barolong, abapangi bela Bahla, mbeli bayahlanganisana e Rooi Grond kwicala lomda wase Transvaal.

UMTWALO wenqanawa utulwe kwi Bayana ekutiwa yi Port Grosvenor elilange nonxwe- me lwama Mpondo. Elo Bayana asililo elika Rulumeni, lelama Mpondo.

U RIGHT REV. DR. WEBB, U Bishop wase Rini ufike e Bloemfontein ngo Mgqibelo. Uyokungewaliso ibala kwityalike enkulu yalomzi.

ABAFO abasixenxe abamnyama badliwe yimantyi yase Tinara ishumi lendaliso ngo- kupanga nokubeta abantu e Van Staaden's Pass. Bapangwa bepangiwe abantu kulondawo.

ABO batenga izikonkwane kw'idolopu entsha yase Gala bayaziswa ukuba benokuzifumana ngoku itaitile zabo kwi ofisi yemantyi e Komani.

IQELA lenqanawa zelama Jamani lifumene Umyalelo wokuba lisinge e Zanzibar.

IBANDLA ebelisakupatwa ngu Rev. Dr. Hole e Kapa linexesha elide lingavnmani nokupatwa ngu Bishop wase Kapa kwar.ge- zizatu zokuba u Dean Williams e Rini enga- petwe ngowase Rini, u Bishop wase Kapa uyicele iramente ukuba amise umfundisi endaweni ka Dr. Hole opumileyo. Iramente iyala kuba isiti akanguye u Bishoy wayo.

U MR. SPRIGG uyenze ingxelo yake ngemicimbi yemali ngolwesi-Ne. Ufumana ukuba u Rulumeni uyakubasetyaleni nge £28,000.

—

U SECHELI inkosi ya Bakwena unikele ku Rulumeni wa Pesheya umhlaba otile ati maumiwe ngama Ngesi.

AMADODA apelelwe lixesha kulamikosi ibikwela Bahlatnbeli ayaqala ayagoduka.

I RULUMEMTE yase Free State imise umte- to omtsha ongokutengiswa kwe Daimani obukali bungapezulu nakobu boweli lizwe lein.

UMTETO ongolaulo lwapesheya kwe Nciba unikwe amadoda atile ukubu awucinge.

U MR JOHN J. IRVINE ubuyele kwelilizwe evela e Australia ngo Mgqibelo odluleyo.

U BISHOP wase Kapa wehlelwe yingozi ekwela kuloliwe e Kapa, utyibilike wapuka ingalo.

IPALAMENTE yase Transvaal igqioe kwelokuba bonke abantu ababenga elo lingapantsi kwe Nkosazana mabangaze babe nesihlalo epalamente bangafumani namsebenzi ku Ru- lumeni.

KUKO inteto e Natal zokuba azakufuduswa onke amajoni ase Tshowe kwa Zulu nase Verulam e Natal.

ELASE Dikeni lincoma ukulima kwefama nabantsundu beso sitili.

UMTSHATO wentombi enci ye Nkosazana u Princess Beatrice netshawe lelama Jamani usengati uyakuba ngolwa 22 mhlaumbi ngo- Iwa 23 lo July ozayo.

URONGXINA uyanconywa nonyaka. Umreyishi otile upantse walahlekelwa sipani sonke e Nxuba kulendlela ipakati kwe Bo- folo ne Rini. Ufumene iqinga. Uhambe emncotula Urongxina wampeka waziseza ' ebanda inkomo, zapila zonke.

UMHLOLI-zikolo u Mr. Ely ubese Dikeni nge Cawa engapaya ngolwesi-Hlanu, evava-

INGQAKAQA ibikwa kwa Gaga ngentla kwe Dike apo bati ibulele umfo ongu Dliwayo. Babini abafayo.

UMBONISO obuse Gcuwa ngo 26 May kutiwa wabamhle. Amahashe nenkomo nenye impahla eyayibonisiwe yabantle kunene. Amabaso amaninzi afunyanwa ngabamnyama.

U REV. Dr. C. HOLE wase Kapa ute akuba ecelwe yiramente yase Natal engayamnkele indawo yobu Bishop endaweni kamfi u Dr. Colenso, ukuba iyavuma i Archbishop yase Cantebury Pesheya.

KUTIWA ngo Mgqibelo ama Mpondo asipangile isitora segwangqa elingu Ekrou, esiti atuny we ngu Mqikela.

Imvo Zabantsundu ,

NGOLWESI-TATU, JUNE 17, 1885.

IPASI NOBUSELA.

NGXELO ezitunyelwe ku Rulumeni ngomantyi nabapete imicimbi yabamnyama zikolise ngokulila ngendawo yokwanda kobusela, obuhambisekayo pakati komhlambi ontsundu. Akuko bani ungazilesayo ingxeio zabapatele u Rulumeni aze angeva umzimba ulumeza. Yinto ebifanele ukugqalisiswa le yokuba obubusela okwezimini bubo obuyenze nzima ngapezulu imitwalo yetu. Umfo owoze avelise icebo eliyakubupelisa ubusela woze abe upelise ngemini enye indleko enkulu ekoyo ngokumiswa kwemikosi amapolisa, nencito eyenzelwe ukugcinwa kwababanjwa nento eninzi yomantyi—incito le kurafelwa yona apa kwa Rulumeni. Ukuba kuko enye into onelinqe layo umzi ontsu- ndu pantsi ko Rulumeni ngapezu kwenye lonto yirafu. Sisati tina zingehliswa ngomso lo usayo irafu bupelisiwe ubusela. Intapane ye- mali yerafu enyanzelekileyo ngoku i Palamente ukuba imane ukuyibe- kela nxamnye amadiniso anjenga- wasemikosini, ukugcinwa kwababa- njwa nento eninzi yabahloli beloke- shoni, ingefuneki ngantoke ngoko, okanye ingasetyenziselwa kwezinye izinto ezingancedayo kuluntu lonke, yabeke yona into yokuba irafu zi- ngancitshiswayo ingapikwe bani. Nokufezeka koku kungatyatyamba ekukwelelisweni kokusweleka kwe- mvisiswano ebete yakutintela uku- hambisela pambili. ze kuvele ama- lungelo amaninzi. Eli asipupa. Nabanina oyakuzolisa ukucinga wo- yifumana lento njengokuba siyiteta. Singenjenjaloke sicengceleze ama- lungelo ayakubako, komhlope nako- mnyama xa ubusela buze kwindawo yokulingana nezinye izono ezikoyo kwelilizwe. Asinatuba naxesha lo- kungena nzulu kulomcimbi. Esi- nga kungaqondwa kukuba kufuneka iqinga lokubupelisa kwakamsinya- ne. Ayinakupikwa bani into yoku- ba zite intswelo zomzi wakowetu zabanga ukuba upantse ukungabo- nakali kakuhle umlima-ndlela paka- ti kwento yomntu nomelwane wake. Lendawo yebanga usizi kodwa nge- ingenjalo kuba beko abantu no Ru- lumeni oti akubona kusekuxakekile enzo uncedo xa azisiweyo. Kambe ke le yinto emi yodwa. Into esite- ta ngayo kukupangwa kwefama na- banempahla, abamhlope nabamnya- ma, esiti makupeliswe ngamaqinga onke ukuze inqwelo yokukanya iha- mbe.

Impi emhlope esihleli nayo ese Palamenteni nengapandle kwayo seyibinqele pezulu ukubambana na- lenkatazo. Into edanisayo kukuba umblambi ontsundu ungacelwanga ukuba nawo uvelise iqinga lawo ngokupeliswa kolutshaba lububisa- yo lubusela. Oku kodwa kufana nokwezolo. Kumhlope ukuba u- mciza apa obukali bunjengomhlanzi- so wokunyanga esisifo, owawucetyi- swe libandla lama Bulu elalidibene e Bobofolo, uzakuke ulingwe. Kwe- lipepa singenisa inteto eke yako kwibandla lengwevu e Palamente ingeniswa ngu Mr. R. M. BOWKER wase Somerset East, inene elidala ebelisakuba nobuhlobo kwabamnya- ma, owati oko wawelayo ezandleni zebandla lama Bulu wakupa no HEROD ngokuyihambisa inkolo ya- ma Bulu yokuba ontsundu akana- mfanelo. U BOKOLO uxaswe ngu Mr. MEURANT owabeke eyimantyi yase Bofolo, ute makumiselwe ipasi eyakuba nesincamatiselo ayakuti ontsundu asihlaulele ixabiso elitile ngalo lonke ixesha abambayo. Oku kutiwa kwenzelwa ukuncipisa ubusela. Umfundi wova ukuba kwi- ngxoxo ebise Palamente u Mr. BOKOLO uyiyekelele inteto yake akutenjiswa ngu Mr. SCHERM- BRUCKER okokuba u Rulumeni uza- kungenisa umteto omtsha wepasi, angatike umnqweno wake awungenise kulomteto. Kwindlu engeza- ntsi ye Palamente u Mr. DES VAGES, wase Bobofolo ungenise inteto ekwa- njalo ete yalipumelela ibakala lokuqala. Kuyabonakalake ukuba nge- nxayokwanda kobusela ihambo zabantsundu zizakuqotyoshwa ngo- mteto wepasi obunzima bubodwa— ngenxa yerafu ayakumana eyirola umntu ngalo lonke ixesha ahambayo Asisayikubucaza ubugwenxa balo- mmiselo esitembayo ukuba i Palamente ayisakuti ebulumnkweni bayo iwuvumele. Siyakuteta ngawo nje- ngeyeza lokupelisa ubusela.

Malunganake na lomteto woku- pelisa ubusela imvo zetu zaziwa nguye wonke, nakuba saziyo ukuba ezimvo zetu azisakunanzwa ngama- doda anjengo BOKOLO, no MARANTI, no VAN HEERDEN, no DES VAGES, no OOSTHUIZEN, masiupalaze w o n a umoya wetu. Lomteto asiwucase ngesizatu sokuba uyakuba yingca- pukiso kwiqela elitile labantsundu kodwa, siyayibona indawo yokuba obubunzima masibutwale ngenxa yokuba uninzi lwetu lungenaku- kwebuka kwisono esitile, kwanje- ngokuba abatengi be Dayimani na- bentsiba bebotshiwe ngenxa yezono zabatile babo. Simise inyawo kwi- ndawo yokuba lomteto wepasi awa- nele kuba ungabi namsebenzi koko umiselwe ukukufeza, kodwa uluncedo olukulu kumasela wabeke uyaku- bandezela abantsundu abazamayo nabatembekileyo. Ibikonje ipasi ayibuncipisanga ubusela. Uncedo oluyakwenziwa yipasi enesincama- tiselo esiyakuhlaulelwa Iwaziwa li- bandla lama Bulu kupela. Wonke uyazi ukuba amasela andulukile emizini yawo aya komantyi acaza impahla aya kuyiba anikwa ipasi ezite zona zabanga ukuba ayiqube lompahla ngapandle kokubuzwa na- ngubani, amana ekululeka nasema- poliseni. Umhlaumbi ibandla lama Bulu liyakuti lentlaulo eyakurolwa xa kunikwa ipasi yobanga ukuba abantu bangabinako ukuhamba ngokuyoyika. Ayazi amasela ukuba ixabiso lempahla ayakuyiba liyakuyihlaula nalomalana yesita- mpu iyakufuneka — awasakunqa- ndwa yilonto. Isiqamo sokumise- lwa kwelicebo lama Bulu siyakuba kukucudisa omnyama olungileyo, nokunika isela isimilo nelungelo lo- kuti sa. Macebo wambi amawali- ngwe ukuncipisa ubusela. Ngeku miswa amadoda awupicote lomci- mbi ukuze atabate inteto namacebo abamnyama, ngendawo yokupeliswa kobusela. Sifumana u Rulumeni esoloko elungele ukwamnkela ama- cebo ama Bulu, akazanga walinga ukutabata icebo labamnyama si- ngati ke kuye enjenjalo akasoze azohlwaye. Siyatemba ukuba kwa- nele esesikutetile ngendawo yokuba ipasi ingasakusiza luto.

Amanqaku.

ELINYE lamapepa alapa e Qonce lenza umsebenzi omhle ngokwalatisa u Rulumeni inkatazo edalwa kwelilizwe ngumteto apa ungezixobo. Ayinakuqondwa ngomnyama into yokuba kwesisitili lamteto uqiniswe ze kanti kwesinye uya- kuyekelelwa. U Rulumeni vena onga angahambisa into ezizizo, ubeya kuyalela ukuba upeliswe lomteto wezixobo onga- senamsebenzi kakade. Isiqu somteto sona silungile. Unokusetyenziswa xa ilizwe lipitizelayo, unokuba sifundo kubo bonke kuba ungasakuba mteto ngexesha loxolo, ulungile ngexesha lemfazwe. Ngezizizatuke singavuya u Rulumeni ete waseleupelisa kanye.

EYONA ngxoxo engati iyakuba nkulu yale Palamente ihleliyo yaqalwa ngu Mr. Upington. inkulu yolaulo, ngolwesi-Ta- tu oludlulileyo, ngenteto epolileyo yobu- doda. Siyidelile kodwa indlela atete ngayo ngamanene alungileyo ase London ane- ntlanganiso yokumela ukuhamba koku- kanya nokupatwa kakuhle kwabantsundu, akade esinceda oko yena u Mr. Upington ebesiti, "sizintshaba zemvelo zomhlope." Kuyasitomalalisa ukufumana ukuba u Mr. Upington kwanolaulo lwake unga abamnyama angabapata ngemfanelo njengokuba sifumana bebehambisa ngelixesha ibingahlangene i Palamente, nanje- ngokuba zibonisa inteto zabo, bangahlala ngokonwaba besazi ukuba abantsundu bayakwazi ukumbulela obapete kakuhle.

ELIPAKATI likulu lolaulo libalise entetweni yalo ngokukula kwabamnyama kususela kwimfazwe *ka* Hintsa kude kuze kwimini zika Sir George Grey. Uteke kuyimfanelo ukuba igwele elangeniswa ngalomadoda liyekwe lisebenze kulentla- ma ingabamnyama, ndawo isixakayo tina kulenteto yeyokuba u Mr. Upington emisa umda ati mabangadluli kuwo aba- mnyama. " Okwesake isiqu " utshilo, akanakubafundisa ababantu bantsundu bade baze kufikelela kwabamhlope. Into ayitetayo ngalamazwi asigqibi kuyiqonda, kodwa ngati iliyelenqe lokubabopa iza- ndla abamnyama endleleni yokusinga pambili. Lengxoxo ingokufundiswa kwabantsundu inteto sibona ukuba u Mr. Upington uyifundile. Uti ukuteta "asi- mcimbi ka Rulumeni ukuxasa imfundiso yabantsundu yepiyane nenteto zasemzini ukuze bayekuzinika amakowabo." Aku- ko umnyama ufundiswe ngu Rulumeni ukubeta ipiyane bambalwa abafundiswe inteto. Ngendawo yokumiselwa kwama- siko ngati bekusalungile ukuwayekela kubafundisi.

U MR. UPINGTON utete ngevoti yetu ngokuti inokutengwa nangubani. Ngoko ke akacingi ukuba kufanelekile ukuba banikwe ilungelo lokuvota. Ute abo bapikele ukungenisa abantsundu eluvotweni banjengabantu abadlala ngerele elintlangoti mbini. Enkosi, Mr. Sprigg, wena wabavusaya abantu bakowetu, imini zokuvota ebumnyameni zidlule; nepakati eli elipatiswe imitelo maseliziguqula imvo zalo ngalendawo. U Mr. W. Ayliff uyikanyezile lenteto ka Mr. Upington ngokubazi abamnyama. Eteta ngengqondo ngobuciko esingazanga samva eteta ngabo umfo ka Elefu, ute "unenkolo yokuba abantsundu bayaqala ukuluqonda uvoto. Bayayazi into emayenziwe ngobameleyo, besazi ukumxelela ezonto banga angazenza." U Mr. Ayliff utete inyaniso.

YINTO esite nqa yiyo ukuba bati nook abantu baxelelwayo ukuba abantsundu bayisebenzisa ngengqondo ngoku ivoti, kube soloko kuko abayipikayo lonto. Seke sabonisa kulemihlati indlela acikidwa ngayo ngabamnyama amadoda afuna etunyelwe ngabo e Palamente. Mayipe-ndule i *Cape Argus* malunga neziqamo zovoto lwetu, iti " inye into ecacileyo: lonto yile ivoti yabamnyama njengokuba basate bayisebenzisa idubule ekutunyelweni kwamadoda e Palamente angegxekwa bani. Asingababantu bamnyama abatumele amadoda anganqwenela umntu ukuba nge-engeko namhla e Palamente."

UGUQULO lolaulo kwela Besutu lube nengozi kwimicimbi yemfundo njengo- kuba sifumana kunjalo kwincwadi ka Rev. A. Mabille axela kuyo umsebenzi wabo wonyaka opelayo. Uti " sifumene ku Rulumeni £850 kwisituba so July 1884 no July 1885, ekubeni ngapambi kwemfa- zwe elixabiso belingapindwa kane. Iti- tshala zetu zifumana intlaulwana encina- ne kuba iminikelo yeramente ingasivu- meli nokuba sizincamele ne £10 ukuba- nika intlaulo yonyaka. Kusinqabele uku- wuhambisa umsebenzi ngemalana engaka. U Col. Clarke akasiniki temba lokuba soyifumana nalo £850. Oku kuyasoyikisa kuyakunqaba ukuwuhambisa umsebenzi ngezizizatu. Andimohlwayi u Col. Clarke onga imfundo ingahambiseka. Imali asinika yona uyifumana eziratini kuba lemali irolwa yi koloni ihlaulelwa ulaulo lomhlaba. Irafuke isarolwa kodwa abantu babunqumnqesi nayo.

SIKE saboniswa umteto omtsha wepasi opelisa yonke eyangapambili nowenzelwa ukupelisa ubusela. obenziwa zezizizwe:— Amaxosa, ama- Mfengu, aba-Tembu, abe- Sutu, ama-Zulu, ama Damara, ama Korana naba-Rolong nabanye abantu abanjalo, okupela ngapandle ama-Lawu, ama- Bastile nama-Koboka. Umisela ukuba wonke omnyama nokuba upina makabe neqaga, umhlaumbi ipasi umhlaumbi ipetshana eliyakumcaza, efunyenwe enge- nazo ezonto' umelwe yinyanga entolo- ngweni namanzi etyuwa okanye azikulule ngeponti. Ngapandle kwamapolisa umntu omnyama unokubuzwa ipasi na- ngubanina onomhlaba ati emfumene engenayo aqweqwedisele entolongweni. Yiyo leyoke into enzima ekohlakeleyo ku- lomteto, kuba impanga inkululeko wonke omnyama imbeka ezinyaweni zomntu wonke omhlope. Bubunzima obungena- kunyamezeleka obu. Siyayibona indawo yokuhlelwa kwabantu. Abafundisi, oti- tshala, abanezatifiketi ezipakamileyo ze (University) ikileliki, abanumzana, abanepulu nezipani nenqwelo, abafundiswe amashishini aba bayakuhamba bona ngamaqaga. Umhlaumbi omnye uyakuha- mba ngepasi vomda. Uyilibele ipasi ila- hlekile ulilifa'lentolongo ngokungahambi ngapasi, nokuba ungumfundisi uyititsha- la, ungopumelele ezimfundweni mauye kwaluswa nababanjwe! Yinile! ngani? Kupefiswa ubusela. Asiboni tina ukuba buyakupela ngalupina uhlobo. Siyavuya ukuva ukuba u Mr. De Wet uwubuyise umva lomteto ngo Mvulo, izizatu zoko singa singazazi—woba usincedile.

KWINCWADI ezaziyitumele ku Dr. Dale ititshala zase Batenjini ngomcimbi waba- hloli-zikolo azifumananga mpendulo iyi- yo—u Dr. Dale usuke watuma isandla sake ukuba siti, " ndineinbeko yokuti ndi- fumene incwadi yenu engomcimbi naba- hloli ndim Geo,~Makonaki," Ziyatemba ukuba bofunda ukuba bangangeni kwinto zika Rulumeni yedwa.

I Pasi e Palamente.

Sipulapula tina amadoda eli- bandla liyi Palamente, limisa isiko lase mlungwini, afunzele ekulugogeni ngemiteto yepasi enzi- ma nangapezu kwale ibiko uluntu oluntsundu. Kutiwa siluhlanga lwamasela makupeliswe inkululeko yokuhambahamba komnyama. Le- ngxoxo ibisingetwe libandla lengwe- vu le Palamente ngolwesi-Hlanu (29 May.

U MR. BOWKER ute malivumelane ibandla ngeli, " Ukuzama iqinga lokuncipisa ubusela nokukusela ifama, bonke abantu abamnya- ma abase koloni apa nabangapaya kwemida yayo abangena apa ekoloni banyanze- lwe ukuba bahambe ngepasi xa sukuba besi- ya kufuna umsebenzi naxa bahambayo, aba- ngayifumana kwi ofisi yemantyi ekufupi— ipasi ebalwe epepeni eliyakuba nesitampu esincanyatiselweyo sexabiso lesheleni ezitile, aze ati ofunyenwe engenayo ipasi yoluhlobo apatwe ngokomteto wamadungudwane, lepa- si imele nosapo xa sakuba umntu lowo mnyama afudukayo. Ute u Bokolo, akufu- nek' enze inteto eninzi kuba bonke bemxelo mnye ngendawo yokuba bupeliswe ubusela, neqinga abanokulilinga mabalilinge kwango- ku. Ububanzi belilizwe buyarora ngenxa yobusela babamnyama nangenxa yokuhambahamba kwabo ngapandle kwepasi. Kwi- ngqungqutela ya Mabulu eyayise Bobofolo kwagqitywa ukuba kwabiwe ipasi ezine- sitampu. Ezipasi kuhanjwa ngazo ngoku aziuamsebenzi. Ukuba bekungengenxa yo Kafile, igusha zamafama ngezingenalukwe- kwe, ngekungeko nokubalela kwelanga, ku. ba ukuba bebenokuyilalisa impahla pandle ngelungeko ukwekwe, nengca ngeyinganya- telwa ngenyawo njengokuba kunjalo ngoku.

Lenteto isekelwe ngu Mr. Meurant no Mr. van der Heever.

U MK. EBDEN ute kuye ibandla ngeke li- tandabuze ngapambi kokuba liyamnkele le- nteto. Ayinto yimbi ngapandle kwesikube- kiso kwabantsundu, into ati yena ayifanele- kile. Ewe, mabahambe ngepasi abantsundu ukuze zazi imantyi indawo abasinga kuyo nento abayihambelayo, kodwa makungenziwa nanye into yokubacapukisa njekodwa abantu abamnyama. Kuvakala ukuba Umpatiswa Micimbi Yabamnyama ute, omantyi mabanganiki mvumelo yakuhamba nakuwupina umntu omnyama ngapandle kokuba avunyelwe e Kapa. Lento
yena uyibona inzima, ikucita ixesha kodwa labantu. Asingabo abantu abamnyama bodwa abebayo, nabamhlope bayeba. Uyicasile yena lenteto.

U MR. MEURANT ute yena uvumelana rnpela nenteto ka Bokolo. Uneminyaka emashumi mahlanu epakati kwabamnyama. Oko ebeyimantyi ubeke afumane ipasi ezibalwe ngo Kafile ngokwabo. Ukafile ufundisiwe imfundo yake uyisebenzisele ekubaleleni ipasi abahlobo bake. Okafileke abazisebenzisi ezipasi ezintweni ezibalwe kuzo kodwa bafumane babadule ezweni ngazo, bafune indawo ezinempahla enokubiwa. Akabonike ukuba kuko bunzima buni obuyakuvelela abantsundu xa bavumelene ngalenteto, emakati oku kuyakuhanjiswa kwelase Maxoseni kupela. Amafama elo langase Kapa awazi nto wena ngokupangwa imihlambi yonke yenkomo. Olu lubo lelona lishwa likulu lelilizwe. Makubeko into eyenziwayo ukuxobela amafama. Oku kufunwa ngabo bonke abantu belilizwe,
abanyulwa bendawo ngendawo bavumelana e Bobofolo ngalendawo. Yena uyakuxasa u Mr. Bowker.

U MR. SCHERMBRUCKER ute u Rulumeni uyayazi inkatazo anayo amafama ngenxa yokubelwa ngabantu abamnyama abafumane bati sa nelizwe. Lomcimbi wepasi kukade uxoxwa yi Palamente umana umiswa ngoku. miswa ngamaxesha ngamaxesha. U Mr.
Maranti usityele amava ake eminyaka emininzi, no Mr. Bokolo eti masivumelane ngalentetonje wenziwa naye ngawake amava. Nayeke (yena Shambuluka) uke wazikangela inteto ngenteto ezalatwe zintlanganiso zamafama. Uyazike ukuba bonke bavumelene ukuba makubeko into eyenziwayo ukuncipisa ubusela, nokuba imiteto seyenziwe lukuni ngalupina uhlobo akuko busela buyakupela kanye. Kodwa akanakunceda ukuti
uyavelana no Mr. Ebden ngendawo yengxakeko azalatileyo. Ezingxakeko ziyakuviwa zifama ezimhlope ngokwazo, ezizicaka ziyakutwala ubunzima bepasi xa sazeke zituny we zinkosi zazo. Nokoke uyatemba uku.
ba ilungu elibekekileyo liyakwaneliswa yindawo yokuba u Rulumeni esafukame pezu komteto wepasi omtsha, oyakwanekwa pambi kwe Palamente njengokuba ihlangene nje. Angatike umhlobo wake obekekileyo u Bokolo alinde ude lomteto mtsha ungeni-
swe kwelobandla labo ukuzeke angenise into ezinjengokuba kunjalonjeke kuyakuxaka ukuba lenteto bavumelane ngayo ungekanekwa umteto lowo. Uyatemba ukuba ilungungu elibekekileyo liyakuyiyekelela inteto yalo.

U MR. BOWKER ute utonyalaliswe Kunene yinteto yo Mpatiswa-mihlaba, kodwa angati ukuba lenteto yake yamnkelwe libandla wobona no Rulumeni into eliyifunayo yokuba ipasi zibalwe epepeni elinesitampu. Angavuya ukuva ngo Mpatiswa ukuba kuko ntona kulomteto mtsha epatelele kulentloko.

U MR. SCHERMBRUCKER ute lomteto mtsha ulungiselelwa ngu Mpatiswa Micimbi Yabantsundu, engekoke akangi angavakalisa into ezimiselweyo kuwo. Kwanele ngalendawo ukuba u Rulumeni abone into efunwayo. Uyiyekelele inteto leyo u Bokolo, yaba iyapela.

Impi Yakwa Qoboqobo.

Ngolwesi-Bini (26 May) lomcimbi wa- wupambi kwe Palamente:—

U MR. DYER wabuza ukuba uyazina u Ru- lumeni ukuba kuko ukurora okukulu ku Ma. mfengu ase Zeleni nawakwa Qoqoqobo nge. nxa yokuba Umpatiswa- mahlati emise ibaka- na nemida ngohlobo lokuba Amamfeugu ala- hlekane nemihlahlo abeyilima iminyaka emi- ninzi; ukuba u Rulumeni uyazi ngamanyate- lo manina ayakuwatabata u Rulumeni uku. pelisa impambano ezipakati kwa Mamfengu no Mpati- maklati ?

U MR. DE WET ute into leyo uke wayiva, ute akuba eyikangele into leyo nesebe lakwa Rulumeni lo Mpatiswa-mihlaba, bagqiba kwe lokuba kumiswe amadoda ayakuba yikomi. tyi, yonake lo komityi iyakuwanika Amamfe- ngu yonke into afanele ukuyifumana.

Ezababaleli.

OKUKWANQISAYO.
Port Elizabeth, May 18, 1885.

Lencwadi yam nkosi yam, ndinga inga- nendawo kwelopepa lipungula izimvo zabantu abantsundu. Namhla ngati site cwakanje tina kuti kubuhlungu, kanjalo kubi, sakuva ngohlobo olukoyo noluhambisekayo pakati kwetu bantu bamnya- ma. Imihla ngemihla izinto ngezinto esimana ukuhlininika ngazo kulombuso wasemlungwini, kwananjalo namhla siyakwanqiswa ngendawo esiva ukuba uyakalazelwa ngazo ngu Rulumeni u Mbovane Mabandla. Inene, nenyaniso indlebe yomntu ontsundu wohlanga ayisokuze izaliswe ukuva ukuba inkosi yegazi, urnntwana wenzalo unokukutshwa esihlalweni sake semvelo, ngokusuke akangelele, avele abantu bakowabo ilu- ngelo labo. Nangokungapezulu, ndinga- zi mna ukuba umntu omnyama akanako ukuzivusa ezindwayinge zakowabo ngo- kuba esoyika ukuposisa abanjwe. Kwa- nenye indawo eyindoqo yile yokuba olu- laulo lukoyo lupeteyo ngokunje, lulaulo olupete ngobulungisa lusebenza ngobu- krestu; ingatinina into enje ukubako ? Kungapele apo kodwa, ukulila kwetu tina bantu abamnyama, zininzi indawo ezasibanga ukuba sibe ngo nxu inkonja- na. Angatsho abuze omnye ati, kuka- ngapina lenkosi yenu inenjenje ukunohlwaya? Kuninzi ngenene, apo sizipalaze kona inyembezi zetu, saye sizivela ubuntwana betu kumzali. Wenziwa le- nto u Mkuluwane. inkosi yohlanga, u Mbekwa or u Obba Tyali ngapandle kwesizatu esaneleyo esingafika sizalise indlebe yomntu opulapulayo. Yena wafa engenambuzeli, wofa ngapandle kwesizatuna umfo ka Mabandla. Nditsho, nditi wofa ngapandle kwesizatuna u Obba yena

okwake kwaye kusiliwa wasuka waushiya umhlaba wake, awulwela Amangesi; lento nditeta ngayo mna namhla yinkosi ihlutwa ubukosi, lixolile ilizwe, into yo- kuba itetwe, ibuzelwe, itarnziselwe kwi- ndawo ebingaba ikwasilima ekukonzeni kwayo inkosi yayo u Rulumente. Bekungepele apo kodwa sinombuzo esiyaku- zibuza ngawo tina lusapo lwakulo ntsu- ndushe, kuba imnyama lendawo ilunyukelwe ngu Rulumente, le alanayo akuyicela kwinkosikazi, oka Mabandla, nangokungapezu kwako konke sisinga si- ngafike siyixoxe indawo le, sikupe izimvo zetu malunga nendawo le, siyibone indlela yayo embange ukuba enzakale ngayo u Mbovane Mabandla. Ikwayi- mfanelo yetu nati ukuba sixoxe singatoti xa siteta into enjengale, ndimkunga no Mpatiswa we Micimbi Yabantsundu ukuba angati ntshingili mantsho *zixoxo* ezingati ziviwe zipuma namapepa ngendawo le; nexa endaziyo ukuba yena ubeselete *bederw* ngokwake wada wagqi- ngelokuti, akayiyo inkosi u Mbovane Akufuneki nokuba ndibuze ukuba wa- bunikwa ngubanina yena u Mabandla -ubukosi, kuba yinto eyaziwa nangose- beleni, le yokuba tina ezetu inkosi zeze- mvelo, kanjalo azizange zimiswe, zavela zinjalo, nexa enditshula amakobo pakati kwenu mzi wakowetu ze ningandikalaze- i ndiyaleleza kuba kukowetu. Ewe, ova ukuyola ngose ngcwabeni, yena ukwelibandayo. Taru bawo, ndiggibe indawo yepepa lako.

Ndisicaka sako esitobekileyo EASTERN PROVINCE MAN.

ABAFUNDISI BOHLANGA.

NKOSI MHLELI,—wendaba zamanene namanenekazi, ndiyakucela ngokutobe- kileyo, kaundifakeke lombuzo. Ndima- na ndisiva kusitiwa kuko abafundisi abe- nziwe abavangeli, ngenxa yokuba benga- kwazi ukusoma ; yazake lonto yandima- ngalisa, yayeke ndingazange ndibone kusonvwa nasetyalikeni apo. Enye into nabamhlope bengenisa ityalike zabantsundu ndingazange ndababona besoma; yayeke Mawesile nalendawo ingentle yo- kuti umfundisi engenele ubufundisi aye- kupumelela ebuvangelini, umsebenzi angabizelwanga wona yi Nkosi. Andiva nto zakowetu, ndiqondiseni, ningadinwa mawetu. Eyonanto yabiza ababantu ku- somana. Nilayeke ndikangele into zako- wetu ezitabate umsebenzi we Nkosi zi- ngasomi. waza umninimsebenzi wazivu- mela. Nawe uyabona mfondini usoma- yo. Intliziyo epume lenteto iyaqonda. Umzi wakwa Xosa uyakuqonda. Kade bendisiba nase Mangesini abanye baya- soma abanye bateta isi Xosa. Pofu bebe- ngelungena abasomayo baze bakunyu- shelwe njengokuba abamhlope benjalo? Manditshone ngeliti, kangela kakuhle mfo wakomkulu, wena uziselwe ivange- ngeli, ndibuza kuwe mzi ontsundu uku- ba wocumana umsebenzi. Ndiyabuza nditi, olulwimi lwabantu abantsundu lunalishwa lanina lento lungavunywayo nangabaninilo, ilitamsanqana lento uku- ngavumani nolwimi lwetu? Ndibe ndi- siba ababafundisi balungiselelwa abantu abantsundu, umzike awusomi. Mandi- yeke.

Ndisicaka sako
THOMAS J. MQANDA.

E Tyityaba, 29 May 1885.

INTLANGANISO YASE NGQUSHWA.

Horton School, 2G May 1885.

MHLELI wepepa lamanene ; kauncede wenzele lemigcana imbalwa indawo kwe- lopepa lenkosi, nditanda ukwazisa ama- kowetu ngalontlanganiso sendiyikanka- nye ngasentla, ekutiwa ukubizwa kwayo lu Manyano Lwabantsundu, eyaqalwa ngomhla 2 ku February 1885. Lentlanga- niso yacingwa ngamadoda ambalwa ku- nene, ngokusuka abone ukuba kuko ila- hleko enkulu apa, nobunyama, ekufike kwabonakalake kuwo lamadoda ukuba ngapandle kwentlanganiso zoluhlobo sa- kutshabalala kuti tu, kwamanye amacala sakutshatyalaliswa zintshaba zetu, kwa- manye sizitshabalalise ngokwetu ngenxa yokungaqondi. Kwabonakalake ukuba make sicele igunya kwizipata mandla zetu pambi koku siyenze savunyelwake, yivoke lento senjenje. Yangenake ngo- mhla wesibozo (8) ku May 1885, yaxoxa ke intwana ezimbalwa, kwakukoke ne- nxalenye yamanene anodumo esisiqingata sase Ngqushwa. Yangena ngo 1 o'clock yapuma ngo 8 o'clock wangokuhlwa, ya- xoxa ngemali yendlu (House duty), ifu- na ukwenza isicelo ku Rulumente ukuba ayitobe. Yaxoxa ngokuti singakoliswa yintonina entlalweni yetu, kuko ukusi- kelwa izikonkwane mhlaimbi iziqendwa- na, nokuba sisiqiniselo sesiqingata (tribal title), yabonake ukuba kufaneleke eyesi- qingata—nezinyeke intwana- ntwana. Ya- pelake ngobumnandi obukulu. Ndiya- tshonela apa.

Owenu umhlobo
M. N. WABABA.

[Siyambulela u Mr. Wababa ngokusazi- sa ngokuyilwa kwalembuto, esiyinqwe- nelela ubom obude bokusebenza ukulu- ngiselelwa komzi. Silila kuba esuke akabalisa ngokuzeleyo ngengxoxo zentla- nganiso.—EDITOR *Imvo.]*

EZASE MASIDONIA.

Kimberley 2 June 1885.

MHLELI.—Kwipepa elibonakele malunga ne 11 May kubeko inteto etete ngesi- ,-kalo. Ete kum yacukumisa mhlaumbi yagqabuza itumba ekulixesha lidumbile lesimo somzi walapa e Dayimani. Eku- be ngummangaliso ukufumane iti into enkulu kangaka asuke u Mntu Yedwa ayenze intwana encinane kangaka, enda- weni yokuba enze umtyangampo obanzi. Kambe makabulelwe axolelwe noko afu- mane wenza unomagwevu Kuba makabe akanexesha lide elapa, nakuba ehle wazi- bona ukucubeka kwezinto zalapa ukuba zinxamnye kwezo ake azibone. Ke ma- nene akowetu nam ngokoyika ukutabata isituba kwelipepa libekekileyo lomzi wakowetu lezidwangube, sendakwenza ku- fupi. Kwindawo yokuqala ndineminya- ka ndilapa ndibona ukuqutywa kwemi- sebenzi yonke yalomzi. Yonkeke ayixo- lisi mntu kontsundu,—andifuni kugaba dela, masendingena kulo umandla wesi- kalo. wona ude waba semanqineni ku- yo yonke into, nditetela kwicala laba- nmyama; kulapo intlanga zikona apa zabantsundu, zaye zinjalonje ubuninzi bazo zezingazange zive nento ngo Mdali wazo ; nakuba llizwi liminyaka ilishumi elinesibini nelinantatu lafikayo apa, unga- ti uke wateta ngo Tixo bamangaliswe ku- ba bengazanga bamva. Kwatunyelwa indodana entsha kunene umfo ka Tya- mzashe engomnye wabafundisi bokuqala oweza kwelilizwe njengomsebenzi esidi- liyeni senkosi. Nto ikoyo yayingeko lelopomela letyalike qa, ngapaya akuko nto yimbi. Asinakunceda ukuba inene singayixeli njengoko injalo. Ndilusizi mzi wakowetu, kuba ndizele ngapakati ngokubona lemipefumlo imana ukuya kutshona kulankalo yakwakufa ingenabuyainbo ingazanga yeva ngo Mdali wayo. Ukutsho mzi "wakowetu ndiswele imilomo eliwaka yokulilela lomzi ngemipefumlo engaka esaya kulahleka. Ongaba ezizinto akazikolelwa, kulowo nditi, yiza kuzibonela. Kuba namhla nelogcudwana beliko alinabani, lisisulu soku- ngenelwa ngama Xwili ne ngcuka, kuba abanye sebesiva ngendaba ukuba *de leelard es weg,* nditeta u Rev. Tyamzashe angaba waziwa ebandla apo amagunya avela kona. Sikohliwe nokusitandazela esosicaka ukuze nomsebenzi waso ucume apo siya kona, ti bo into enje isimangalisile yokungati ugxotwa yinto umhlau- mbi ubaleka isilo. Make ndipele okwa- namhla ndisavele ngonwele.

NGQUNGQVMBANA.

AMAKWELE NGELIZWI.

NKOSI MHLELI,—wepepa lemvo zetu, uzundinyamezele ngokungenisa lendawana kwipepa lako elidume kunene, ndingena ngenduku emdudweni ndinga- zi nto ngezizinto inye lento inditukute- zeleyo. Yilento endiyibonayo pakati kweramente ezahlukeneyo zabantsundu, njengokuba kuko ama Rabe, nama Wesile, kwanama Tshatshi ngati u Tixo akamnye obedeshwayo zizo, kanti u Tixo wasitanda sonke ngakunye esifanele ukutandana (Yohane iv. 11). Yinina le- nto amakrestu etyalike ngetyalike enga- tandani? Nabaheideni sebeyiqonda lento bati:—otixo bangapina? Kuba aba- heideni becala lase Rabe bengenakuya kwintlanganiso zase Wesile ngelizwi eliti bayalelwa ngaba Dala base Rabe. Kanti akiiketi kutiwa makushunyayelwe egameni lake uguquko noxolelo lwezono pakati kwazo zonke intlanga (Luke xxiv. 47). Pakati koku konke izizwe ziyabuba sisono, ngati lento ikwabamnvama bo- dwa, ayiko kumagwangqa. Sisinga pi- nake Rabe, lento iyinina, zibubanje izizwe ? Impendulo kumntu wonke nokuba ngowalipina icala ndixeleleni makowetu ndifuna ukwazi. Ze ningandidlokoveli, nilihlukuhle iselwa ngapambi kokuncotulwa kwesivingco kuba ingqaka iyakuti finini, njengoko selitshilo ipepa lika May 27, yinto lonto makowetu imvo yam ibuhlungu ngalondawo.

Ndim
WILLIAM MAZAMANE.
Etyinira Transkei, 3 June 1885.

OPENDULA U " M. R."

NKOSI,—Kaundivumele ukuba ndenze amazwana pezu kwenteto yenene eliti lingu M. R. Kwinteto ateleia u Mkoloni, neziyalo azibekisa kuwe Mhleli; andinge- msoli nganto ngapandle kokuba nditi?: ukuba u M. R. ufuna ulaulo Iwe Nkasa- zana ngaponoshono kwe Nciba apa nge- yeyipapamele lonto kwakudala wenza amalinga okuba umzi uhlangane kuyilwe lonto, ngoku ngati selebambe isisila se hobe; ngeziyalo azibekisa kwe makabe uyazi nave ukuba akuyiyo indoda efuma- ne itakazele ubuyata.

Uti u M. R. *kuko* "izililo esinazo apa" no "bupitipiti obukoyo ngoku apa." Lenteto ke ayinanyaniso, ukuba kuko izililo nobupitipiti buxaywa ngabom ngu M. R. lowo neqelana lake elitanda ukupitizelisa umzi ngapandle kwesizatu. Ubuninzi bomzi abuzazi ezizililo nezizipitipiti, na- we ngokwako ungati uke wayipanda le ngxobotshane bayenzayo ubone ukuba izalwa bubudenge nalikete abangxamele ukulenza kwelizwe.

